Western Cape Government • Wes-Kaapse Regering • URhulumente weNtshona Koloni

PROVINCE OF THE WESTERN CAPE

Provincial Gazette Extraordinary

7531

Monday, 16 November 2015

PROVINSIE WES-KAAP

Buitengewone Provinsiale Koerant

7531

Maandag, 16 November 2015

Ibhaliswe ePosini njengePhephandaba

ISIQULATHO

*(*Iikopi ziyafumaneka kwiGumbi M21, Provincial Legislature Building, 7 Wale Street, Cape Town 8001.)*

ISIQULATHO

392 ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso: IMigaqo yoCwangciso loSetyenziso-Mhlaba yaseNtshona Koloni 2

ISAZISO SEPHONDO

Esi saziso sephondo silandelayo sipapashelwe ulwazi-gabalala.

ADV. B. GERBER,
UMLAWULI-JIKELELE

Isakhiwo sePhondo,
KwiSitalato iWale,
EKapa.

I.S. 392/2015 16 kweyeNkanga 2015

ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOCWANGCISO LOPHUHLISO: IMIGAQO ESAYILWAYO YOCWANGCISO LOSETYENZISO-MHLABA YASENTSHONA KOLONI, 2015

UMphathiswa wePhondo woRhulumente weMimandla, iMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso, iMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso uceba ukwenza imigaqo njengoko ichaziwe kwiShedyuli phantsi kwecandelo 76 loMthetho woCwangciso loSetyenziso-Mhlaba eNtshona Koloni, 2014 (UMthetho 3 ka-2014).

UKUCWANGCISWA KWEMIGAQO KWISHEDYULI

ISAHLUKO 1
UTOLIKO

Imigaqo
1. Iinkcazelo

ISAHLUKO 2
UCWANGCISO LWEMIHLABA

2. Isaziso senjongo sokuqulunqa okanye sokuphononongа isikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo
3. Umiselo lwekomiti yokuqulunqa okanye yokuphononongа isikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo
4. Imisebenzi yekomiti
5. Iintlanganiso zekomiti
6. Intatho-nxaxheba yoluntu
7. Ukwenziwa kwezilungiso kwisikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo
8. Umiselo lwekomiti yommandla yokuqulunqa okanye yokuphononongа isikhokelo sophuhliso lwemihlaba sommandla okwiphondo
9. Ukwenziwa kwezilungiso kwisikhokelo sophuhliso lwemihlaba sommandla okwiphondo

ISAHLUKO 3
ULAWULO LOPHUHLISO LWEPHONDO

10. Uphuhliso lomhlaba oludinga imvume kunye nezintlu ezaphulelweyo zophuhliso lomhlaba
11. Intlanganiso yokubonisana phambi kokufaka isicelo
12. Isicelo sophuhliso lomhlaba
13. Ukufumana nokwamkela isicelo sophuhliso lomhlaba nesicelo seenkcukacha okanye amaxwebhu ongezelelekileyo
14. Isaziso sesicelo sophuhliso lomhlaba
15. Emakuqulathwe sisaziso
16. Ezinye iindlela zokwazisa uluntu
17. Ubungqina bokukhupha isaziso
18. Ilungelo lomfaki-sicelo lokuphendula kwizimvo ezimalunga nesicelo sophuhliso lomhlaba
19. Ukuthunyelwa kwesicelo sophuhliso lomhlaba, amaxwebhu neenkcukacha kwiNtloko yeSebe leZolimo
20. Imiqathango yokunikezwa kwezimvo
21. Isigqibo ngesicelo sophuhliso lomhlaba

22. Isaziso ngesigqibo sesicelo sophuhliso lomhlaba
23. Isibheno kwisigqibo sesicelo sophuhliso lomhlaba
24. Ilungelo lomfaki-sibheno nomfaki-sicelo lokuphendula kwizimvo ngesibheno
25. Ukuthunyelwa kwesibheno, amaxwebhu neenkcukacha kuMphathiswa wePhondo ojongene nezolimo
26. Isigqibo ngesibheno
27. Isaziso ngesigqibo sesibheno
28. Isicelo sokongezelwa isithuba sokusebenza kwemvume
29. Ilungelo lomfaki-sicelo lokuphendula kwizimvo zokongezwa isithuba sokusebenza kwemvume
30. Ukuthunyelwa kwesicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume kwiNtloko yeSebe leZolimo
31. Isigqibo ngesicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume
32. Isaziso sesigqibo ngesicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume
33. Izimvo zamaziko karhulumente
34. Izizathu zokwala ukwamkela isicelo okanye isibheno
35. Urhoxiso lwesicelo, isibheno okanye ugunyaziso lwe-arhente
36. Amagunya okumane usiya kwenza uhlolo
37. Uhlobo nomhla wolwaziso nokunikeza ixesha elongezelelweyo
38. Iimpazamo nezinto ezicinyiweyo
39. Imiqathango yethutyana yezicelo zokususa, zokumisa okanye zokwenza izilungiso kwimiqathango enyinayo
40. Ukuqala kokusebenza
41. Isihloko esifutshane

IZIHLOMELO

Isihlomelo A: Ifomu yesicelo sentlanganiso yokubonisana phambi kokufaka isicelo
Isihlomelo B: Ifomu yesicelo sophuhliso lomhlaba nefomu yokongezelwa isithuba sokusebenza kwemvume
Isihlomelo C: Ifomu yesibheno
Isihlomelo D: Imirhumo

ISAHLUKO 1
UTOLIKO

Iinkcazelo

1. Kule migaqo, igama okanye ibinzana elinentsingiselo ekuMthetho woCwangciso loSetyenziso-Mhlaba weNtshona Koloni, 2014 (UMthetho 3 ka-2014), likwanentsingiselo efanayo naleyo inikwe kuMthetho yaye, ngaphandle kokuba imeko ekubhekiswa kuyo ithetha enye into—

"i-arhente" ithetha umntu ogunyaziswe ukuba enze isicelo ngumnini-mhlaba;

"umhlaba wokulima"—

uthetha umhlaba ongaphandle kommandla weendawo ezisezidolophini, ongabandakanyi—

(a) umhlaba obhengezwe njengommandla wolondolozo ngokwemiqathango yeNational Environmental Management: Protected Areas Act, 2003 (UMthetho 57 ka-2003); okanye

(b) umhlaba obukho nje phambi kokuqala kwalo Mthetho onesimo somhlaba esingelulo isimo somhlaba solimo;

"umfaki-sicelo" uthetha umntu ekubhekiswe kuye kumgaqo 10(4) okanye (5) okanye (28) owenza isicelo;

"isicelo" sithetha isicelo sophuhliso-mhlaba esixelwe kumgaqo 10(4), isicelo sokwenziwa kwezilungiso kwimvume yophuhliso-mhlaba exelwe ku-10(5) okanye isicelo sokongezelwa isithuba sokusebenza kwemvume esixelwe kumgaqo 28;

"isicelo esichaphazela ulimo" sithetha isicelo esinento yokwenza nomhlaba wolimo;

"ukulima", kumhlaba wokulima, kuthetha ukuguqula umhlaba uwususa kwimo yawo yendalo ukuze ulungiselele ukulima izityalo, yaye kubandakanya ukutyala nokuhlwayela okanye ukulima;

"umhla wolwaziso" uthetha umhla wokukhutshwa kwesaziso njengoko kuchaziwe kumgaqo 37 okanye umhla wopapasho kumajelo eendaba okanye kwiGazethi yePhondo*;*

"uxwebhu" lubandakanya iplani, umzobo okanye imephu;

"INtloko yeSebe leZolimo" ithetha intloko yesebe lephondo enoxanduva lwezolimo;

"indibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo" ithetha indibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo echazwe kumgaqo 11(1);

"ikomiti yephondo" ithetha ikomiti yethutyana esungulayo yamanqanaba ngamanqanaba oburhulumente yommandla emiselwe ngokwecandelo 5(1) loMthetho;

"ikomiti yommandla" ithetha ikomiti yethutyana esungulayo yamanqanaba ngamanqanaba oburhulumente yommandla emiselwe ngokwecandelo 8(1) loMthetho;

"iSouth African Local Government Association" ithetha iSouth African Local Government Association ethathelwa ingqalelo ngokwemiqathango yecandelo 2(1)*(a)* weOrganised Local Government Act, 1997 (UMthetho 52 ka-1997);

"UMthetho" uthetha uMthetho woCwangciso loSetyenziso-Mhlaba weNtshona Koloni, 2014 (UMthetho 3 ka-2014).

ISAHLUKO 2

UCWANGCISO LWEMIHLABA

Isaziso senjongo sokuqulunqa okanye sokuphononononga isikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo

2. (1) INkulumbuso kufuneka ifake isaziso *kwiGazethi yePhondo* namaphephandaba amabini afundwa kakhulu kwiPhondo, ichaze malunga neenjongo zayo zokuqulunqa okanye zokuphononononga isikhokelo sophuhliso lomhlaba sephondo.

(2) Isaziso kufuneka sipapashwe kulandelwa iWestern Cape Provincial Languages Act, 1998 (UMthetho 13 ka-1998).

(3) Isaziso kufuneka siqulathe—

(a) iinjongo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye uphononongo lwaso;

(b) inkqubo emayilandelwe ekuqulunqeni okanye kuphononongo lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo;

(c) igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zomntu ekunokufunyanwa kuye ezinye iinkcukacha;

(d) isimemo kubantu abanomdla okanye abachatshazelwayo luqulunqo okanye uphononongo lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo sokuba babhalise yaye bangenise izimvo zabo ezibhaliweyo kwiSebe kwisithuba esichazwe kwisaziso.

Umiselo lwekomiti yokuqulunqa okanye yokuphononononga isikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo

3. (1) Amalungu ekomiti *esungulayo* yamanqanaba ngamanqanaba karhulumente etyunjwe yiNkulumbuso ngokwecandelo 5(1) loMthetho kufuneka ngokomgaqwana (4), abe—

(a) noMlawuli ojongene nocwangciso lweMihlaba weSebe, okanye umsebenzi ochongwe nguye njengosihlalo;

(b) abanye abasebenzi ababini beSebe abanolwazi kunye namava kucwangciso losetyenziso-mhlaba abatyunjwe yiNtloko yeSebe;

(c) abasebenzi abathathu beSebe ababhaliswe njengabacwangcisi beedolophu abasesikweni abatyunjwe yiNtloko yeSebe;

(d) abasebenzi ababini besebe lephondo elinoxanduva lwemicimbi yokusingqongileyo abanolwazi kunye namava kulawulo lokusingqongileyo, abatyunjwe yintloko yeloo sebe;

(e) umsebenzi wesebe ngalinye, otyunjwe yintloko nganye yesebe lephondo ngalinye;

(f) abasebenzi ababini bakamasipala abamele ingingqi, isithili nenqila abatyunjwe ngumasipala —

(i) omnye kufuneka abe ngumcwangcisi wedolophu obhalisiweyo; okanye

(ii) ukuba umasipala akanaye unocanda obhalisiweyo, umsebenzi onolwazi namava kucwangciso losetyenziso-mhlaba;

(g) umsebenzi wesebe ngalinye lesizwe elinoxanduva lorhulumente wemimandla, imicimbi yemihlaba, uphuhliso lwemimandla esezidolophini nesemaphandleni, ucwangciso nophuhliso lwemimandla, okusingqongileyo, ezolimo, ezezindlu, iindlela nowesebe lemisebenzi eyenziwa ngurhulumente, abatyunjwe ziintloko zaloo masebe esizwe;

(h) ummeli ochongwe yiSouth African Local Government Association;

(i) abameli abatyunjwe ngamanye amaziko karhulumente achaphazelekayo; kunye

(j) nomsebenzi ochongwe ngurhulumente wephondo elingummelwane okhethwe yiNtloko yeSebe enoxanduva locwangciso lwephondo kurhulumente ngamnye welo phondo.

(2) INkulumbuso mayithi ngembalelwano icele amaziko karhulumente kunye neSouth African Local Government Association ekubhekiswe kuwo kumgaqwana (1) ukuba atyumbe kwixesha elibhalwe kwisimemo, abo baza kuba ngamalungu ekomiti ngokomgaqwana (1).

(3) INkulumbuso kufuneka iqwalasele amagama atyunjiweyo ngokomgaqwana (2) aze kubantu abo bachongiweyo, anyule amalungu ekomiti aza kusebenza ngesithuba soqulunqo okanye sophononongo lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo.

(4) Ukuba kuthe emva kwesimemo esilandela umgaqwana (2) amaziko karhulumente okanye umbutho woorhulumente bemimandla baye basilela ukutyumba ngexesha elichaziweyo kwisimemo, umntu okanye abantu ekufuneka bechongiwe abaneempepha ezifunekayo, iNkulumbuso ingathi noxa kukho umgaqwana (1) inyule nabaphi na abasebenzi kumaziko karhulumente achaphazelekayo abaneempepha ezifanelekileyo ukuba babe ngamalungu ekomiti, babe linani elifunekayo.

Injongo nomsebenzi wekomiti yephondo

4. (1) Ikomiti yephondo—

(a) incedisa iNkulumbuso ukuba ithobele imiqathango yecandelo 41(1)*(h)* loMgaqosiseko xa kuqulunqwa isikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye izilungiso ezisayilwayo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo;yaye

(b) incedisa iNkulumbuso ngoqulunqo lwesikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye izilungiso ezisayilwayo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo.

(2) Amalungu ekomiti yephondo kufuneka angenise izimvo ezibhaliweyo omalunga nesikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye izilungiso ezisayilwayo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye uxwebhu olusayilwayo olumalunga noko egameni lamaziko karhulumente okanye egameni leSouth African Local Government Association , elo ziko balimeleyo, xa becelwe ukuba benze njalo ngusihlalo wekomiti.

Iintlanganiso zekomiti yephondo

5. (1) Ikhoram yentlanganiso yekomiti yephondo yenziwa ngamalungu alithoba abandakanya aba bantu balandelayo:

(a) abasebenzi abathathu beSebe;

(b) abasebenzi bamanye amasebe amathathu; kunye

(c) nabasebenzi boomasipala abathathu.

(2) Ikomiti yephondo kufuneka idibane ubuncinane kanye ngekota ngexesha nakwindawo egqitywe ngusihlalo.

(3) Xa usihlalo engekho okwethutyana, iNkulumbuso kufuneka ichonge kumalungu achazwe kumgaqo 3(1)*(b)* okanye *(c)* ilungu eliza kubambela njengosihlalo ngeli xesha angekhoyo.

(4) Usihlalo makagqibe ngeenkqubo eziza kulandelwa kwiintlanganiso zekomiti yephondo.

(5) ISebe kufuneka libonelele ngenkxaso yemisebenzi yobunobhala neyolawulo kwikomiti yephondo yaye kufuneka ligcine imizuzu yeentlanganiso zekomiti yephondo.

(6) Ikomiti yephondo ingathi, ngemvume kasihlalo, ityumbe ikomitana ezinamalungu ekomiti yephondo ze inike ezo komitana imisebenzi.

Intatho-nxaxheba yoluntu

6. (1) INkulumbuso kufuneka inike isaziso sesikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye izilungiso ezisayilwayo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo kwiGazethi yePhondo nakumaphephandaba amabini ahanjiswa kwiPhondo.

(2) Isaziso kufuneka sipapashwe kulandelwa iWestern Cape Provincial Languages Act, 1998 yaye kufuneka—

(a) simeme abantu abanomdla okanye abachatshazelwayo sisikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye izilungiso ezisayilwayo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo kwisithuba esichazwe kwisaziso; yaye

(b) sinike igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zomntu ekuthunyelwa kuye izimvo nezalapho kunokufunyanwa khona isikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo okanye izilungiso ezisayilwayo zesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo.

Ukwenziwa kwezilungiso kwisikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo

7. (1) Ukuba izilungiso kwisikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo azisuki kuphononongo lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo, iNkulumbuso angamisela ikomiti yephondo ngokomqathango 3.

(2) Ukuba ikomiti yephondo ayimiselwanga ukuba yenze izilungiso kwisikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo esichazwe kumgaqwana (1), iNtloko yeSebe kufuneka icele amaziko karhulumente ekubhekiswe kuwo kumgaqo 3(1)*(d)* ukuya ku-*(g)* no-*(i)* no-*(j)* neSouth African Local Government Association ukuba anike izimvo ngezilungiso ezisayilwayo zingaphelanga iintsuku ezingama-60 emva kokufumana isicelo sokunikezwa kwezimvo.

Umiselo lwekomiti yommandla yokuqulunqa okanye yokuphononongа isikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo

8. (1) Amalungu ekomiti *esungulayo* yamanqanaba ngamanqanaba karhulumente etyunjwe UMphathiswa wePhondo ngokwecandelo 8(1) loMthetho, kuxhomekeke kumgaqwana (4), makabe—

(a) uMlawuli wocwangciso lweMihlaba weSebe, okanye umsebenzi ochongwe nguye njengosihlalo;

(b) abanye abasebenzi ababini beSebe abanolwazi kunye namava kucwangciso losetyenziso-mhlaba abatyunjwe yiNtloko yeSebe;;

(c) umsebenzi wesebe lephondo onoxanduva lwemicimbi yokusingqongileyo onolwazi kunye namava kulawulo lokusingqongileyo, otyunjwe yintloko yeloo sebe;

(d) umsebenzi wesebe ngalinye, otyunjwe yintloko nganye yesebe lephondo ngalinye;

(e) umsebenzi kamasipala obhaliswe njengomcwangcisi wedolophu osesikweni, womasipala ngamnye okummandla ekuza kusebenza kuwo isikhokelo sophuhliso lwemihlaba yengingqi ekwiphondo, ochongwe ngumasipala ngamnye, okanye ukuba umasipala akanamcwangcisi wedolophu ubhalisiweyo, umsebenzi kamasipala waloo masipala onolwazi kunye namava kucwangciso losetyenziso-mhlaba; kunye

(f) nabameli abachongwe ngamanye amaziko karhulumente achaphazelekayo.

(2) INtloko yeSebe kufuneka—

(a) ityumbe amalungu achazwe kumgaqwana (1)*(b)*;

(b) ukuba iNtloko yeSebe ikwanoxanduva lwesebe lephondo elijongene nemicimbi yokusingqongileyo, kufuneka ityumbe ilungu elichazwe kumgaqwana (1)*(c)*; yaye

(c) ngembalelwano icele amaziko karhulumente ukuba atyumbe amalungu axelwe kumgaqwana (1)*(d)* ukuya ku-*(f)*, yaye ukuba kufanelekile nelo likumgaqwana (1)*(c)*, kwixesha elibhalwe kwisimemo, ukuba babe ngamalungu ekomiti yommandla ngokomgaqwana (1).

(3) UMphathiswa wePhondo kufuneka aqwalasele amagama atyunjiweyo ngokomgaqwana (2) aze kubantu abo bachongiweyo, anyule amalungu ekomiti aza kusebenza ngesithuba soqulunqo okanye sophononongo lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo semimandla.

(4) Ukuba kuthe emva kwesimemo esilandela umgaqwana (2) amaziko aye asilela ukutyumba ngexesha elichaziweyo kwisimemo, umntu okanye abantu ekufuneka bechongiwe abaneempepha ezifunekayo, uMphathiswa wePhondo ngathi noxa kukho umgaqwana (1) inyule nabaphi na abasebenzi kumaziko karhulumente achaphazelekayo abaneempepha ezifanelekileyo ukuba babe ngamalungu ekomiti, babe linani elifunekayo.

(5) Imigaqo 2, 4, 5(2), 5(4) ukuya ku-5(6) no-6, efundwa notshintsho oludingekayo, isebenza kuqulunqo, ulwamkelo, uphononongo okanye urhoxiso lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo semimandla.

(6) Ukulungiselela lo mgaqwana (5), ubhekisa kwiNkulumbuso olukumgaqo 2, 4 no-6 maluthathwe ngokuba lubhekiswa kuMphathiswa wePhondo.

(7) Ikhoram yentlanganiso yekomiti yommandla kufuneka ibe naba bantu balandelayo:

(a) abasebenzi ababini beSebe;

(b) abasebenzi bamasebe amathathu ephondo; kunye

(c) abasebenzi abamele umasipala—

(i) boomasipala abaninzi kummandla apho isikhokelo sophuhliso lwemihlaba semimandla okanye isilungiso saso siya kusebenza khona; okanye

(ii) oomasipala ababini ukuba isikhokelo sophuhliso lwemihlaba semimandla okanye isilungiso saso siya kusebenza koomasipala ababini.

(8) Xa usihlalo engekho okwethutyana, uMphathiswa wePhondo kufuneka achonge kumalungu achazwe kumgaqwana (1)*(b)* ilungu eliza kubambela njengosihlalo ngeli xesha angekhoyo.

Ukwenziwa kwezilungiso kwisikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo sommandla

9. (1) Ukuba izilungiso kwisikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo semimandla azisuki kuphononongo lwesikhokelo sophuhliso lwemihlaba sephondo semimandla, uMphathiswa angamisela ikomiti yommandla ngokomqathango 8.

(2) Ukuba ikomiti yephondo ayimiselwanga ukuba yenze izilungiso kwisikhokelo esisayilwayo sophuhliso lwemihlaba sephondo semimandla esichazwe kumgaqwana (1), iNtloko yeSebe kufuneka icele amaziko karhulumente ekubhekiswe kuwo kumgaqo 8(1)*(c)* ukuya ku- *(f)* ukuba anike izimvo ngezilungiso ezisayilwayo zingaphelanga iintsuku ezingama-60 emva kokufumana isicelo sokunikezwa kwezimvo.

ISAHLUKO 3
ULAWULO LOPHUHLISO LWEPHONDO

Uphuhliso lomhlaba oludinga imvume kunye nezintlu ezaphuhlelweyo zophuhliso lomhlaba

10. (1) Kuxhomekeke kumgaqwana (2), uphuhliso lomhlaba oluxelwe kwicandelo 53(1) elifundwa necandelo 53(4) loMthetho lunezi zintlu zilandelayo:

(a) uphuhliso lomhlaba olucetywayo—

(i) olunento yokwenza nemvume engekabikho ngokwemiqathango yoMmiselo ophambi kokuqala kwalo Mthetho; kunye

(ii) nekuluhlu lophuhliso lomhlaba olufakwe kwiGazethi yePhondo njengoluhlu oludinga imvume phantsi kwecandelo 53(1) loMthetho;

(b) uphuhliso lomhlaba olukuhlaba wolimo olinyiweyo okanye onkcenkceshelweyo kwiminyaka elishumi ephambi kophuhliso lomhlaba olucetywayo.

(2) Ezi zintlu zilandelayo zophuhliso lomhlaba ezixelwe kumgaqwana (1) zaphulelwe kwicandelo 53(3) loMthetho ekubeni zifune imvume yecandelo 53(1) loMthetho:

(a) uphuhliso lomhlaba olucetywayo olunemvume yephondo ebikhona phambi kokuqala kwalo Mthetho ngokwemiqathango yale migaqo ilandelayo:

(i) icandelo 24(2) leNational Environmental Management Act, 1998 (UMthetho 107 ka-1998), ngaphandle kwemvume enqunyanyisiweyo ngokwecandelo 43(7yaloMthetho; (ii) icandelo 3 okanye 14 leLess Formal Township Establishment Act, 1991 (UMthetho 113 ka-1991);

(iii) imigaqo 2 ukuya ku-7 yemigaqo eyenziwe phantsi kwecandelo 66(1) leBlack Communities Development Act, 1984 (UMthetho 4 ka-1984), epapashwe phantsi kweSaziso sikaRhulumente esingu-R.1897/1986 kwiGazethi kaRhulumente 10431 yowe-12 Septemba 1986;

(iv) umgaqo 16, 17, 19(5) okanye 19(7) wemigaqo yecandelo 66(1) leBlack Communities Development Act, 1984, epapashwe phantsi kweSaziso sePhondo esingu-733/1989 kwiGazethi yePhondo 4606 yowe-22 Septemba 1989; (v) icandelo 20 leRural Areas Act, 1987 (UMthetho 9 ka-1987);

(b) uphuhliso lomhlaba olucetywayo, olungabandakanyi uphuhliso lomhlaba olukumgaqwana (1)*(a)* —

(i) oluthobela isikhokelo sophuhliso lomhlaba kamasipala ebesele samkelwe phambi nje kokuqala kwalo Mthetho;

(ii) obelubonelelwe kweso sikhokelo sophuhliso lomhlaba kamasipala phambi nje kokuqala kwalo Mthetho;

(c) uphuhliso lomhlaba olucetywayo, olungabandakanyi uphuhliso lomhlaba olukumgaqwana (1)*(a)*—

(i) oluthobela isikhokelo sophuhliso lomhlaba kamasipala esichaphazelekayo esamkelwe emva kokuqala kwalo Mthetho okanye esenziwe izilungiso emva kokuqala kwalo Mthetho sisenza imigaqo ejongene ngqo nophuhliso lomhlaba olucetywayo; yaye

(ii) olukuluhlu lophuhliso lomhlaba oludweliswe kweso sikhokelo sophuhliso lomhlaba kamasipala nguMphathiswa wePhondo ngesaziso kwiGazethi yePhondo.

(3) Phambi kokwenza uludwe lwalo naluphi na uluhlu lophuhliso lomhlaba ngokomgaqwana (1)*(a)* *okanye* (2)*(c)*(ii), uMphathiswa wePhondo kufuneka apapashe isaziso kwiGazethi yePhondo—

(a) echaza ngokuthi asebenzise inkcazelo, imephu okanye nayiphi indlela efanelekileyo, uluhlu lophuhliso lomhlaba aphakamise ukuba lungene kuludwe; yaye

(b) acele amaqela anomdla ukuba angenise izimvo ezibhaliweyo kwisiphakamiso sokufaka olo luhlu, akwenze oko kwixesha elibekiweyo.

(4) Umnini okanye i-arhente yakhe kufuneka afake isicelo kwiNtloko yeSebe ngokwesi Sahluko semvume yophuhliso lomhlaba exelwe kumgaqwana (1).

(5) Umnini okanye i-arhente yakhe angathi phambi kokuphela kwexesha elibekiweyo lemvume yophuhliso lomhlaba afake isicelo kwiNtloko yeSebe ukuba kwenziwe izilungiso kwimvume.

(6) Imvume njengoko yenziwe izilungiso ngokomgaqwana (5) iqhubeka isebenza de kuphele ixesha lokusebenza kwayo ebelibekwe kwimvume phambi kokuba kwenziwe izilungiso.

(7) Lo mgaqo nemigaqo 11 ukuya ku- 27, efundwa notshintsho oluyimfuneko, isebenza kwisicelo sokwenziwa kwezilungiso kwimvume yophuhliso lomhlaba.

Indibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo

11. (1) Umnini onenjongo yokufaka isicelo sophuhliso lomhlaba ngokwemigaqo 10(4) no-12 okanye iarhente yakhe kufuneka azimase indibano okanye iindibano zokubonisana phambi kokufaka isicelo kwiNtloko yeSebe ukuze kugqitywe ngeenkcukacha namaxwebhu ekufuneka efakwe nesicelo.

(2) Umnini okanye iarhente exelwe kumgaqwana (1), phambi kokufaka isicelo ngokomgaqo 12, mayizalise ze ingenise ifomu ekwiSihlomelo A kwiNtloko yeSebe.

(3) INtloko yeSebe kufuneka—

(a) xa ifomu ekwiSihlomelo A ifunyenwe, irekhode ukuba iyifumene ifomu ngokuthi ikubhale oko okanye igximfize isitampu kwifomu ngomhla engeniswe ngawo; yaye

(b) emva kokufumana ifomu ekwiSihlomelo A yazise umnini okanye i-arhente yakhe kunye naliphi iziko likarhulumente elichaphazelekayo ngomhla, ixesha nendawo yendibano yokubonisana.

(4) INtloko yeSebe kufuneka igcine imizuzu yeendibano zokubonisaba zaphambi kokufakwa kwesicelo.

Isicelo sophuhliso lomhlaba

12. (1) Isicelo sophuhliso lomhlaba esixelwe kumgaqo 10(4) senziwa ngokufaka ifomu ezalisiweyo ekwiSihlomelo B kwiNtloko yeSebe nangokuhlawula imali yesicelo echazwe kwiSihlomelo D.

(2) Kuxhomekeke kumgaqwana (4), ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo ekwiSihlomelo B kufuneka ikhatshwe zezi nkcukacha nala maxwebhu alandelayo:

(a) imvume yomnini-bhondi enokufunwa yiNtloko yeSebe, njengoko kuchaziwe kwindibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo;

(b) ukuba umfaki-sicelo yi-arhente, ileta yegunya egunyazisa umfaki-sicelo ukuba afake isicelo egameni lomnini;

(c) ukuba umnini yinkampani, yitrasti, liqumrhu elilawula iiflethi elixelwe kwicandelo 36(1) leSectional Titles Act, 1986 (UMthetho 95 ka-1986), okanye ngumbutho wabanini-mhlaba ubungqina bokuba umfaki-sicelo ugunyazisiwe ukuba enze oko egameni yinkampani, yitrasti, liqumrhu elilawula iiflethi okanye ngumbutho wabanini-mhlaba;

(d) ikopi yamaphepha obunini-mhlaba bomhlaba ofakelwe isicelo;

(e) inkcazelo yendawo nobungakanani bomhlaba ochaphazelekayo, kubandakanywa iplani yendawo;

(f) ubungqina bokuba lo mhlaba sele unesimo somhlaba;

(g) iplani ebonisa usetyenziso lomhlaba ongqonge lo kubhekiswa kuwo oya kuthi uchaphazeleke ukuba isicelo samkelwe;

(h) iplani ebonisa iindawo ezizowuniweyo ezingqongileyo eziya kuchaphazeleka ukuba isicelo samkelwe;

(i) iplani ebonisa uphuhliso lomhlaba kummandla okanye kwiPhondo ebufana nophuhliso lomhlaba efakelwa isicelo neya kuthi ibe nefuthe kummandla okanye kwiPhondo kunye nophuhliso lomhlaba olucetywayo;

(j) iplani ekwisikeyili esilinganisekayo ebonisa usetyenziso lomhlaba, izakhiwo ezikhoyo nezinto ezenziwayo kuloo mhlaba nomgama wezo zakhiwo nezo zinto kumda womhlaba ochaphazelekayo;

(k) iplani eseluyilo ekwisikeyili esilinganisekayo ebonisa uphuhliso lomhlaba olucetywayo nemisebenzi eza kwenziwa apho;

(l) uludwe lwezinye iimvume ezidingekayo zophuhliso lomhlaba olucetywayo esele zifakelwe izicelo kulandelwa eminye imithetho;

(m) izizathu ezibhaliweyo ezixhasa isicelo ezisekelwe kwimiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (3);

(n) ubungqina bentlawulo yemirhumo yesicelo;

(o) kwisicelo esichaphazela ulimo, uvavanyo lwefuthe, kubandakanywa—

(i) imephu yosetyenziso-mhlaba nefoto ethathe phezulu yommandla kwisikeyili esilinganisekayo ebonisa umhlaba wolimo, izibonelelo nemida yefama; kunye

(ii) uphononongo lomhlaba nemephu yomhlaba ebonisa ukuba yintoni enokuveliswa nguloo mhlaba; kunye

(p) naziphi ezinye iinkcukacha okanye amaxwebhu anokufunwa yiNtloko yeSebe njengoko bekuchaziwe kwindibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo.

(3) isizathu esibhaliweyo esixelwe kumgaqwana (2)*(m)* kufuneka sibandakanye—

(a) uvavanyo lwefuthe lophuhliso lomhlaba kwimiba ekubhekiswe kuyo kwicandelo 53(1) loMthetho;

(b) uvavanyo lokudingeka kwefuthe elixelwe kumhlathi *(a)*, xa kuthathelwa ingqalelo imiba ekubhekiswe kuyo kwicandelo 55 loMthetho; kunye

(c) naluphi olunye uvavanyo okanye uphando olunokufunwa yiNtloko yeSebe njengoko bekuchaziwe kwindibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo.

(4) INtloko yeSebe ingathi kwindibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo yongeze okanye isuse kwisicelo esithile naziphi iinkcukacha okanye amaxwebhu afunekayo ngokomgaqwana (2)*(a)* ukuya ku-*(o) okanye* (3)*(a)* no-*(b)*.

(5) Ifomu ekwiSihlomelo B neenkcukacha namaxwebhu ahamba nayo ingathunyelwa nge-elektroniki ngendlela egqitywe yiNtloko yeSebe.

(6) ukuba ia-rhente ityunjiwe ukuba ifake isicelo egameni lomnini, imbalelwano nezaziso ezivela kwiNtloko yeSebe ezimalunga nesicelo ngokwalo Mthetho nale migaqo ziya kuthunyelwa kuphela kwi-arhente.

(7) Umnini lowo kufuneka athathe imbalelwano nezaziso ezixelwe kumgaqwana (6) kwiarhente.

(8) Kuxhomekeke kwinto egqitywe yiNtloko yeSebe malunga nokuthunyelwa kwamaxwebhu nge-eletroniki, izicelo kufuneka zifakwe ngeentsuku zempangelo nangeeyure zempangelo zeSebe, yaye zingakulinge zithunyelwe kwisithuba esiphakathi kowe-15 Disemba ukuya ngowe-2 Janyuwari.

Ukufumana nokwamkela isicelo sophuhliso lomhlaba kunye nesicelo seenkcukacha ezongezelelekileyo

13. (1) INtloko yeSebe kufuneka xa isicelo sophuhliso lomhlaba singenisiwe ngokwemigaqo 10(4) no-12—

(a) irekhode ukuba isifumene isicelo ngembalelwano okanye ngokugximfiza isitampu ngemini esingeniswe ngayo;

(b) iqinisekise ukuba isicelo siwuthobele na umgaqo 12; yaye

(c) kwiintsuku ezingama-21 zokufumana isicelo, atsho ukuba usifumene ze azise umfaki-sicelo—

(i) ukuba isicelo siwuthobele umgaqo 12, amazise ngokwamkela isicelo, kwanokuba akukho zinkcukacha zongezelelekileyo okanye amaxwebhu axelwe kumhlathana (iii) afunekayo, ngeemfuno zesaziso ngokwemigaqo 14(3) no-16 ukuba umfaki-sicelo makathobele imiqathango eze nobungqina bokukhupha isaziso ngokomgaqo 17;

(ii) ukuba isicelo asithobeli umgaqo 12, eso sicelo asamkelwa nezizathu zaso; yaye

(iii) ukuba isicelo samkelwe ngokomhlathana (i), kufuneka kungeniswe iinkcukacha okanye amaxwebhu afunwa yiNtloko yeSebe ngaphezu kwalawo ekubhekiswe kuwo kumgaqo 12.

(2) Kwisicelo esichaphazela ezolimo, iNtloko yeSebe mayigqibe ngokuba ingaba kufuneka ezinye iinkcukacha okanye amaxwebhu ngaphezu kweenkcukacha namaxwebhu ekubhekiswe kuwo kumgaqo 12 emva kokubonisana neNtloko yeSebe lezoLimo okanye umsebenzi ochongwe yiNtloko yeSebe lezoLimo.

(3) Umfaki-sicelo makanike iNtloko yeSebe iinkcukacha ezifunekayo okanye amaxwebhu axelwe kumgaqwana (1)*(c)*(iii) kwiintsuku ezingama-21 ukususela kumhla wesaziso okanye kwisithuba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sicelo neNtloko yeSebe.

(4) INtloko yeSebe kufuneka—

(a) irekhode ukuba izifumene iinkcukacha okanye amaxwebhu axelwe kumgaqwana (1)*(c)*(iii), ngembalelwano okanye ngokugximfiza isitampu kumaxwebhu ngomhla angeniswe ngawo;

(b) iqinisekise ukuba iinkcukacha okanye amaxwebhu afunekayo afakiwe na; yaye

(c) emva—

(i) kokufumana iinkcukacha okanye amaxwebhu kwisithuba esixelwe kumgaqwana (3), ukuba umfaki-sicelo unikeze zonke iinkcukacha ezifunekayo okanye amaxwebhu, amchazele umfaki-sicelo ukuba uzifumene ze amazise ngeemfuno zesaziso ngokwemigaqo 14(3) no-16 ukuba umfaki-sicelo makathobele imiqathango eze nobungqina bokukhupha isaziso ngokomgaqo 17; okanye

(ii) ixesha lophelelo elibekiweyo elixelwe kumgaqwana (3), ukuba umfaki-sicelo akazifakanga zonke iinkcukacha okanye amaxwebhu afunwayo aziswe umfaki-sicelo ukuba iNtloko yeSebe iya kusiqwalasela isicelo ngoluhlobo sifunyenwe ngalo nangeemfuno zesaziso ngokwemigaqo 14(3) no-16 ukuba umfaki-sicelo makathobele imiqathango eze nobungqina bokukhupha isaziso ngokomgaqo 17.

(5) Isithuba esisukela kumhla we-15 Disemba ukuya kowe-2 Janyuwari asiyonxalenye yaso nasiphi isithuba salo naliphi ithuba ekubhekiswe kulo mgaqo nakwimigaqo 17, 18 no-33.

Isaziso sesicelo sophuhliso lomhlaba

14. (1) INtloko yeSebe kufuneka, emva kokwamkela isicelo, ngokomgaqo 13(1)*(c)*(i), okanye kwimeko apho iinkcukacha ezongezelelekileyo okanye amaxwebhu efuneka ngokomgaqo 13(1)*(c)*(iii) emva kokufumana iinkcukacha okanye amaxwebhu—

(a) yenze ukuba isaziso sesicelo sipapashwe kwiGazethi yePhondo nakumaphephandaba amabini ahanjiswa kwiPhondo;

(b yenze ukuba isaziso sesicelo sinikwe iziko ngalinye likarhulumente elichaphazelekayo kwisicelo ze icele izimvo ngesicelo; kananjalo

(c) yenze ukuba isaziso sesicelo sinikwe ubuncinane umnini ngamnye womhlaba osondelelene nalo ufakelwe isicelo ze icele izimvo zomnini ngamnye ngesicelo.

(2) Kwimeko yesicelo esichaphazela ezolimo, umgaqwana (1)*(b)* awulichaphazeli isebe lephondo elinoxanduva lolimo, yaye isicelo neenkcukacha kunye namaxwebhu afunekayo kufuneka adluliselwe kwiNtloko yeSebe lezoLimo njengoko kuchaziwe kule migaqo.

(3) INtloko yeSebe ingafuna ukuba umfaki-sicelo apapashe isaziso kunye nokuhambisa isaziso sesicelo njengoko kuxelwe kulo mgaqo nokuhambisa isaziso soluntu esongezelelekileyo njengoko kuxelwe kumgaqo 16.

(4) Ngumfaki-sicelo onoxanduva lweendleko zopapasho nokuhambisa isaziso ngokomgaqwana (1) nomgaqo 16.

(5) ukuba iNtloko yeSebe ipapasha okanye ikhuphe isaziso ngokomgaqwana (1) okanye umgaqo 16, umfaki-sicelo kufuneka ahlawule iindleko phambi kokuba iNtloko yeSebe yenze isigqibo ngesicelo.

Emakuqulathwe sisaziso

15. Isaziso esixelwe kumgaqo 14 kufuneka ubuncinane—

(a) sichaze injongo yesicelo;

(b) sichaze umhlaba isicelo esibhekisa kuwo ngokuchaza inombolo yesiza okanye eyefama nendawo ekuyo, negama lefama xa likhona okanye idilesi yesitrato negama ledolophu nelelokishi;

(c) sichaze idilesi neeyure apho isicelo sinokufumanekakhona ukuze sifundwe;

(d) sicele abantu ukuba bafake izimvo ezibhaliweyo, ezinezizathu ezimalunga nesicelo;

(e) sichaze indlela uluntu emalungenise ngayo izimvo;

(f) sichaze ukuba izimvo kufuneka zingeniswe kumsebenzi onegama elichaziweyo weSebe ze iikopi zazo zinikwe umntu ochaziweyo omele umfaki-sicelo;

(g) sichaze igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zabantu abaxelwe kumgaqwana *(f)* emazithunyelwe kubo izimvo zoluntu;

(h) sichaze umhla emazingeniswe ngawo izimvo, ekufuneka ukuba ungabikho ngaphantsi kweentsuku ezingama-30 ukusuka kumhla wokunikezwa kwesaziso;

(i) sichaze ukuba iNtloko yeSebe ingala ukwamkela izimvo emva komhla oxelwe kumhlathi *(h)*; yaye

(j) sichaze ukuba nawuphi umntu ongakwazi kubhala angathi ngeeyure zomsebenzi aye kwidilesi echazwe kwisaziso apho umsebenzi wase-ofisini kamasipala okhankanyiweyo eya kunceda abo bantu ababhalele phantsi izimvo zabo.

Ezinye iindlela zokwazisa uluntu

16. (1) INtloko yeSebe ingasebenzisa enye indlela okanye ngaphezulu kwendlela enye kwezi zilandelayo ukwazisa uluntu ngesicelo sophuhliso lomhlaba:

(a) ngokuxhoma isaziso esixelwe kumgaqo 15 somlinganiselo oyi-60 yeesentimitha nge-42 yeesentimetha kumphambili womhlaba ekubhekiswa kuwo okanye nakweyiphi enye indawo ecacileyo nekulula ukungena nokuphuma kuyo kuloo yunithi yomhlaba ngexesha uluntu eluvumeleke ukuba lufake izimvo zalo ngesicelo;

(b) ngokukhupha isaziso malunga nesicelo kwisitishi sikanomathotholo sengingqi ngolwimi oluthile;

(c) ngokuba nemini evulelekileyo okanye intlanganiso yoluntu ukwazisa abantu abachaphazelekayo malunga nesicelo;

(d) ngokupapasha isicelo kwiwebhusayithi kamasipala kwisithuba sokuba uluntu luvakalise izimvo zalo ngesicelo.

(2) INtloko yeSebe kufuneka yenze ukuba isaziso esongezelelekileyo esixelwe kumgaqwana (1) sinikwe uluntu ukuba ubona ukuba isaziso ngokomgaqo 14 asisebenzanga okanye ukuba ubona ukuba asizi kusebenza.

(3) Isaziso soluntu esongezelelekileyo singakhutshwa ngexesha elinye nesaziso ngokwemiqathango yomgaqo 14 okanye emva koko.

Ubungqina bokuhambisa isaziso

17. Ukuba umfaki-sicelo upapashe isaziso okanye unikeze isaziso sesicelo sophuhliso lomhlaba egameni leNtloko yeSebe, umfaki-sicelo kufuneka, kwiintsuku ezingama-21 ukususela kumhla wopapasho okanye lohanjiso lwesaziso, anike oku kulandelayo iNtloko yeSebe:

(a) iikopi zesaziso njengoko sipapashiwe kwiGazethi yePhondo nakumaphephandaba;

(b) ubungqina bokunikeza isaziso kubo bonke abanini-mhlaba abakufuphi ngokomgaqo 16(1)—

(i) iifoto nee-afidavithi eziqinisekisa ukuba isaziso besixhonyiwe njengoko kuxelwe kumgaqo 16(1)*(a)*;

(ii) ubungqina bosasazo kunomathotholo njengoko kuxelwe kumgaqo 16(1)*(b)*;

(iii) imizuzu nerejista zozimaso lweentlanganiso zoluntu ezixelwe kumgaqo 16(1)*(c)*; okanye

(iv) nabuphi obunye ubungqina obufunwe yiNtloko yeSebe.

Ilungelo lomfaki-sicelo lokuphendula kwizimvo ezimalunga nesicelo sophuhliso lomhlaba

18. (1) Umfaki-sicelo angathi, kwiintsuku ezingama-21 phambi kokuphela kwesithuba sokuvala kweentsuku zokufaka izimvo ezixelwe kwimigaqo 15*(h)* no-33(1) okanye kwisithuba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sicelo neNtloko yeSebe, afake impendulo ebhaliweyo kwiNtloko yeSebe.

(2) ukuba umfaki-sicelo akangenisi mpendulo kwisithuba seentsuku ezingama 21 okanye kwisithuba esongezelelweyo ekuvunyelwene ngaso, umfaki-sicelo uthathwa njengongenampendulo.

(3) ukuba iNtloko yeSebe ifuna iinkcukacha ezongezelelekileyo kumfaki-sicelo ngenxa yezimvo ezifunyenweyo, iinkcukacha mazinikezwe ngesithuba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sicelo neNtloko yeSebe.

Ukuthunyelwa kwesicelo sophuhliso lomhlaba, amaxwebhu neenkcukacha kwiNtloko yeSebe leZolimo

19. (1) INtloko yeSebe kufuneka, kwimeko yesicelo esichaphazela ulimo nangenjongo yemigaqo 13(2) no-21(1)*(a)*, ithumele ezi zinto zilandelayo kwiNtloko yeSebe lezoLimo emva kokuzifumana:

(a) isicelo esamkelweyo;

(b) naziphi iinkcukacha ezongezelelekileyo namaxwebhu;

(c) naziphi izimvo ngesicelo; kunye

(d) nempendulo yomfaki-sicelo kwizimvo zoluntu ngesicelo.

(2) INtloko yeSebe ingafuna ukuba umfaki-sicelo athumele iikopi zeenkcukacha namaxwebhu ekubhekiswe kuwo kumgaqwana (1)*(a)* ukuya ku*(d)* kwiNtloko yeSebe lezoLimo.

Imiqathango yokunikezwa kwezimvo

20. (1) Zonke izimvo ezingeniswe malunga nesicelo sophuhliso lomhlaba, kubandakanywa namaxwebhu ezikhalazo, kufuneka zichaze ngokucacileyo oku kulandelayo:

(a) idilesi neenkcukacha zoqhagamshelwano zomntu ofake izimvo okanye, kwimeko yoxwebhu lwezikhalazo, ummeli ogunyazisiweyo wabantu abasayine uxwebhu lwezikhalazo;

(b) kwimeko yoxwebhu lwezikhalazo, idilesi yendawo yokuhlala neenkcukacha zoqhagamshelwano zomntu ngamnye osayinileyo;

(c) iinkcukacha zesicelo esingunobangela wokufakwa kwezo zimvo; kunye

(d) nezizathu zezimvo nefuthe isicelo esiza kuba nalo ukuba samkelwe kumntu ofake izimvo zakhe, kubantu abasayine uxwebhu lwezikhalazo okanye kummandla ochaphazelekayo.

(2) Isaziso esiya kummeli ogunyazisiweyo woxwebhu lwezikhalazo oxelwe kumgaqwana (1)*(a)* sisisaziso esiya kubo bonke abantu abasayine uxwebhu lwezikhalazo.

Isigqibo ngesicelo sophuhliso lomhlaba

21. (1) INtloko yeSebe kufuneka igqibe ngesicelo sophuhliso lomhlaba—

(a) emva kokubonisana neNtloko yeSebe lezoLimo kwimeko yesicelo esichaphazela ulimo; kananjalo

(b) kwiinyanga ezisixhenxe zokuchaza ukuba usifumene yaye usamkele isicelo ngokomgaqo 13(1)*(c)*(i).

(2) Nasiphi isithuba ekuvunyelwene ngaso ngokomgaqo 13(3), 18(1) okanye (3), okanye izithuba ezongeziweyo zesaziso zoluntu ezinikezwe emva kokunikezwa kwesaziso ngokomgaqo 14, azibandakanywa kwisithuba seenyanga ezisixhenxe ezixelwe kumgaqwana (1).

(3) INtloko yeSebe ingathi kwisicelo—

(a) iyalele umsebenzi ochongiweyo enze naluphi uhlolo oludingekayo ukuvavanya isicelo ngokwemiqathango yecandelo 68(1)*(b)* loMthetho nomgaqo 36;

(b) amkele isicelo sisonke okanye inxalenye yaso, okanye asikhabe isicelo;

(c) xa kwamkelwe eso sicelo, abeke imiqathango ngokwemiqathango exelwe kwicandelo 54(4) no-(5) loMthetho.

Isaziso sesigqibo ngesicelo sophuhliso lomhlaba

22. INtloko yeSebe kufuneka kwiintsuku ezingama-21 zokwenza isigqibo sakhe ngesicelo sophuhliso lomhlaba akhuphe isaziso ngesigqibo sakho ngolu hlobo lulandelayo:

(a) ngokupapasha isigqibo sakhe elandela icandelo 54(7)*(a)* loMthetho; kunye

(b) nangembalelwano azise umfaki-sicelo kunye nawuphi umntu omalungelo akhe achatshazelwa sisigqibo ngesigqibo, izizathu zesigqibo kunye nelungelo lokubhena ukuba liyadingeka.

Isibheno kwisigqibo ngesicelo sophuhliso lomhlaba

23. (1) Isibheno kuMphathiswa wePhondo ngokwecandelo 56(1), (4) okanye (5) loMthetho singeniswa ngokufaka ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo ekwiSihlomelo C kuMphathiswa wePhondo nangokuhlawula umrhumo wokubhena ochazwe kwiSihlomelo D.

(2) Ifomu ekwiSihlomelo C neenkcukacha namaxwebhu ahamba nayo ingathunyelwa nge-elektroniki ngendlela egqitywe nguMphathiswa wePhondo.

(3) Isibheno kufuneka singeniswe kwiintsuku ezingama-21 ukususela kumhla wesaziso ngesigqibo sesicelo esibhenelwayo.

(4) Nawuphi umntu ongakwazi kubhala ofuna ukufaka isibheno angathi kwisithuba esixelwe kumgaqwana (3), acele uncedo kumsebenzi ochongwe nguMphathiswa wePhondo ukuba ambhalele isibheno sakho ngelo xesha libekelwe ukubhena.

(5) Isibheno kufuneka—

(a) sichaze igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zomfaki-sibheno;

(b) sibandakanye ikopi yazo naziphi izimvo ezingeniswe ngumfaki-sibheno ngesicelo, ukuba umfaki-sibheno asingomfaki-sicelo;

(c) sichaze ukuba ngawaphi amalungelo omfaki-sibheno athe achatshazelwa sisigqibo;

(d) achaze le ndawo kanye ayibhenelayo apha kwisigqibo, okanye kwimeko yesibheno esinento yokwenza nokusilela kweNtloko yeSebe ukugqiba ngesicelo, achaze imiba ebubungqina bosilelo; kananjalo

(e) achaze izizathu zokufaka isibheno, ezibandakanya ezokukholelwa njengomfaki-sibheno ukuba iNtloko yeSebe yenze impazamo, ukuba zikhona, xa ibithatha isigqibo sayo.

(6) UMphathiswa wePhondo kufuneka xa isibheno singeniswe ngokomgaqwana (1)—

(a) arekhode ukuba usifumene isibheno, ngembalelwano okanye ngokugximfiza isitampu kwisibheno ngomhla esingeniswe ngawo;

(b) aqinisekise ukuba isibheno siwuthobele lo mgaqo; kananjalo

(c) kwiintsuku ezingama-21 atsho ukuba usifumene isibheno eso yaye—

(i) ukuba isibheno siwuthobele lo mgaqo, azise umfaki-sibheno ngokwamkelwa kwesibheno;

(ii) ukuba isibheno asithobeli lo mgaqo, azise umfaki-sibheno ukuba isibheno asamkelwanga anike nezizathu zoko; yaye

(iii) ukuba isibheno samkelwe ngokomhlathana (i), azise bonke abantu abafake izimvo ngesicelo yaye, ukuba umfaki-sibheno asingomfaki-sicelo, azise umfaki-sicelo wesibheno.

(7) Umntu, kubandakanywa umfaki-sicelo ukuba umfaki-sibheno asingomfaki-sicelo, ofumene isaziso sesibheno ngokomgaqwana (6)*(c)*(iii) angathi, kwiintsuku ezingama-21 zomhla wesaziso ngesibheno, angenise izimvo zakhe ezibhaliweyo kuMphathiswa wePhondo neekopi zazo kumfaki-sibheno yaye, ukuba umfaki-sibheno asingomfaki-sicelo, anike nomfaki-sicelo.

(8) Umntu oxelwe kumgaqwana (7) ongakwazi kubhala ofuna ukufaka isibheno angathi kwisithuba esixelwe kumgaqwana (7), acele uncedo kumsebenzi ochongwe nguMphathiswa wePhondo ukuba ambhalele isibheno sakho ngelo xesha libekelwe ukubhena.

(9) ukuba umfaki-sicelo akafaki zimvo zakhe kwisibheno kwisithuba seentsuku ezingama-21, umfaki-sicelo uthathwa njengongenaluvo kwisicelo eso.

(10) Kuxhomekeke kumgaqwana (9), uMphathiswa wePhondo angathi ale ukwamkela izimvo kubantu abaxelwe kumgaqwana (7) abangenise izimvo zabo emva komhla wokugqibela wokungeniswa kwezo zimvo.

(11) Izimvo kwisibheno kufuneka zichaze—

(a) igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zomntu ongenisa izimvo zakhe;

(b) umba kwisibheno afaka uluvo lwakhe kuwo; kunye

(c) nezizathu zokufaka uluvo kwisibheno.

(12) UMphathiswa wePhondo angacela naliphi iziko likarhulumente ukuba lifake izimvo zalo kwisibheno.

(13) Umfaki-sibheno nguye oya kuhlawula iindleko zokuhambisa isaziso ngokwalo mgaqo.

(14) Isithuba ukususela ngowe-15 Disemba ukuya ngowe-2 Janyuwari asibandakanywa kuso nasiphi isithuba ekubhekiswe kuso kwimigaqwana (6)*(c)* no-(7) nemigaqo 24 no-33.

Ilungelo lomfaki-sibheno nelomfaki-sicelo lokuphendula kwizimvo ngesibheno

24. (1) Umfaki-sibheno, yaye ukuba umfaki-sibheno asingomfaki-sicelo, umfaki-sicelo angathi, kwiintsuku ezingama-21 zomhla wokugqibela wokungenisa izimvo oxelwe kwimigaqo 23(7) no-33(1) okanye kwisithuba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sibheno okanye umfaki-sicelo noMphathiswa wePhondo, angenise impendulo ebhaliweyo kuMphathiswa wePhondo.

(2) Ukuba umfaki-sibheno okanye umfaki-sicelo akangenisi mpendulo kwisithuba seentsuku ezingama-21 okanye isithuba esongezelelweyo ekuvunyelenwe ngazo, umfaki-sibheno okanye umfaki-sicelo, ngokwemeko leyo, umfaki-sicelo uthathwa njengongenaluvo kwisicelo eso.

Ukuthunyelwa kwesibheno, amaxwebhu neenkcukacha kuMphathiswa wePhondo ojongene nezolimo

25. (1) UMphathiswa wePhondo kufuneka, kwisibheno sesicelo esichaphazela ulimo nangenjongo yalo mgaqo 26(1)*(a)*, athumele ezi zinto zilandelayo kuMphathiswa wePhondo ojongene nezolimo emva kokuzifumana:

(a) isibheno esamkelweyo;

(b) naziphi izimvo kwisibheno; kunye

(c) nempendulo yomfaki-sibheno okanye yomfaki-sicelo kwizimvo ngesibheno.

(2) UMphathiswa wePhondo angafuna ukuba umfaki-sibheno okanye umfaki-sicelo athumele iikopi zeenkcukacha namaxwebhu ekubhekiswe kuwo kumgaqwana (1)*(a)* ukuya ku-*(c)* kuMphathiswa wePhondo ojongene nezolimo.

Isigqibo ngesibheno

26. (1) UMphathiswa wePhondo kufuneka agqibe ngesibheno—

(a) emva kokubonisana noMphathiswa wePhondo ojongene nezolimo kwimeko yesibheno sesicelo esichaphazela ulimo; kananjalo

(b) kwiintsuku ezingama-130 zokuvuma nokwamkela isibheno elandela umgaqo 23(6)*(c)*(i).

(2) Isithuba ukususela ngowe-15 Disemba ukuya ngowe-2 Janyuwari kunye naso nasiphi isithuba ekuvunyelwene kuso ngokomgaqo 24(1) asibandakanywa kwisithuba esixelwe kumgaqwana (1)*(b)*.

(3) UMphathiswa wePhondo angathi kwisibheno ayalele umsebenzi ochongiweyo ukuba enze uhlolo olufunekayo ngokwecandelo 68(1)*(b)* loMthetho nomgaqo 36.

Isaziso ngesigqibo sesibheno

27. UMphathiswa wePhondo kufuneka, kwiintsuku ezingama-14 zesigqibo sakhe kwisibheno, azise umfaki-sibheno, umfaki-sicelo ukuba umfaki-sibheno asingomfaki-sicelo kunye naye nawuphi na omnye umntu ofake izimvo zakhe kwisibheno ngesigqibo kunye nelungelo lakhe lokubiza izizathu zokuthathwa kweso sigqibo.

Isicelo sokongezelwa isithuba sokusebenza kwemvume

28. (1) Isicelo sokongezelwa isithuba sokusebenza kwemvume yophuhliso lomhlaba senziwa ngokungenisa ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo ekwiSihlomelo B kwiNtloko yeSebe nangokuhlawula umrhumo wesicelo ochazwe kwiSihlomelo D phambi kokuphelelwa kwemvume yophuhliso lomhlaba.

(2) Ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo ekwiSihlomelo B neenkcukacha kunye namaxwebhu ahamba nayo zingangeniswa nge-elektroniki ngendlela egqitywe yiNtloko yeSebe.

(3) Ifomu ekwiSihlomelo B kufuneka ikhatshwe zezi nkcukacha nala maxwebhu:

(a) ikopi yemvume yokuqala; kunye

(b) nezizathu ezixhasayo ezibhaliweyo ezixhasa isicelo kubandakanywa—

(i) izizathu zokufuna imvume ekubhekiswe kuyo kwicandelo 57(1) loMthetho zezokuba umsebenzi awuzi kwenzeka ngexesha ekunikezwe ngalo imvume;

(ii) uvavanyo lokuba ingaba kuye kwakho utshintsho na kwiimeko okanye kwiimfuno zomthetho okanye zomgaqonkqubo ebezikho ngexesha bekunikezwa imvume yokuqala; kunye

(iii) novavanyo lokuba kuza kufuneka ukuba kubekwe imiqathango emitsha na ukuba ixesha lokusebenza kwemvume longeziwe.

(4) INtloko yeSebe kufuneka xa isicelo singenisiwe ngokwalo mgaqo—

(a) irekhode ukuba isifumene isicelo ngembalelwano okanye ngokugximfiza isitampu ngemini esingeniswe ngayo

(b) iqinisekise ukuba isicelo siwuthobele lo mgaqo; yaye

(c) kwiintsuku ezingama-21 zokufumana isicelo, atsho ukuba usifumene isicelo ze azise umfaki-sicelo—

(i) ukuba isicelo siwuthobele lo mgaqo, azise umfaki-sicelo ngokwamkelwa kwesicelo yaye, ukuba akukho zinkcukacha ezongezelelekileyo okanye amaxwebhu axelwe kumhlathana (iii) afunekayo, amxelele ngeemfuno umfaki-sicelo ekufuneka azithobele zokuba kufuneka ahambise isaziso sesicelo kubantu abanomdla okanye abachatshazelwayo sisicelo yaye abameme ukuba bavakalise izimvo zabo;

(ii) ukuba isicelo asithobeli lo mgaqo, azise umfaki-sicelo ukuba isicelo asamkelwanga anike nezizathu zoko; yaye

(iii) ukuba isicelo samkelwe ngokomhlathana (i), naziphi iinkcukacha okanye amaxwebhu ngaphezu kweenkcukacha okanye amaxwebhu ekubhekiswe kuwo kumgaqwana (3) afunwa yiNtloko yeSebe.

(5) Kwisicelo esichaphazela ezolimo, iNtloko yeSebe mayigqibe ngokuba ingaba kufuneka ezinye iinkcukacha okanye amaxwebhu ngaphezu kweenkcukacha namaxwebhu ekubhekiswe kuwo kumgaqo 3 emva kokubonisana neNtloko yeSebe lezoLimo okanye umsebenzi ochongwe yiNtloko yeSebe lezoLimo.

(6) Umfaki-sicelo makanike iNtloko yeSebe iinkcukacha ezifunekayo okanye amaxwebhu axelwe kumgaqwana (4)*(c)*(iii) kwiintsuku ezingama-21 ukususela kumhla wesaziso okanye kwisithuba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sicelo neNtloko yeSebe.

(7) INtloko yeSebe kufuneka—

(a) irekhode ngembalelwano ukuba izifumene iinkcukacha okanye amaxwebhu axelwe kumgaqwana (4)*(c)*(iii), okanye ngokugximfiza isitampu kumaxwebhu ngomhla angeniswe ngawo;

(b) aqinisekise ukuba zonke iinkcukacha okanye amaxwebhu afunekayo angenisiwe; ze

(c) emva—

(i) kokufumana iinkcukacha okanye amaxwebhu kwisithuba esixelwe kumgaqwana (6), ukuba umfaki-sicelo ungenise zonke iinkcukacha ezifunekayo okanye amaxwebhu, amazise umfaki-sicelo ngokwamkelwa ze azise umfaki-sicelo ngeemfuno umfaki-sicelo ekufuneka azithobele zokuba kufuneka ahambise isaziso sesicelo kubantu abanomdla okanye abachatshazelwayo sisicelo yaye abameme ukuba bavakalise izimvo zabo; okanye

(ii) amazise umfaki-sicelo ngokuphelelwa kwesithuba esixelwe kumgaqwana (6), ukuba umfaki-sicelo akazifakanga zonke iinkcukacha okanye amaxwebhu afunwayo, aziswe umfaki-sicelo ukuba iNtloko yeSebe iya kusiqwalasela isicelo ngolu hlobo sifunyenwe ngalo nangeemfuno umfaki-sicelo ekufuneka ezithobele zokuba kufuneka ahambise isaziso sesicelo kubantu abanomdla okanye abachatshazelwayo sisicelo yaye abameme ukuba bavakalise izimvo zabo.

(8) INtloko yeSebe ingacela naliphi iziko likarhulumente ukuba livakalise izimvo ngesicelo.

(9) Kuxhomekeke kwinto egqitywe yiNtloko yeSebe malunga nokuthunyelwa kwamaxwebhu nge-eletroniki, izicelo kufuneka zifakwe ngeentsuku zempangelo nangeeyure zempangelo zeSebe, yaye zingakulinge zithunyelwe kwisithuba esiphakathi ngowe-15 Disemba ukuya ngowe-2 Janyuwari.

(10) Isithuba esisukela kumhla we-15 Disemba ukuya kowe-2 Janyuwari asiyonxalenye yaso nasiphi isithuba salo naliphi ithuba ekubhekiswe kulo kulo mgaqo nakwimigaqo 29 no-33.

Ilungelo lomfaki-sicelo lokuphendula kwizimvo ngesicelo sokongezelwa isithuba

29. (1) Umfaki-sicelo angathi, kwiintsuku ezingama-21 ukusuka kumhla wokugqibela wokungenisa izimvo ngokomgaqo 28(4)*(c)*(i), (7)*(c)*okanye (8) okanye kwisithuba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sicelo neNtloko yeSebe, angenise impendulo ebhaliweyo kwiNtloko yeSebe.

(2) ukuba umfaki-sicelo akangenisi mpendulo kwisithuba seentsuku ezingama 21 okanye kwisithuba esongezelelweyo ekuvunyelwene ngaso, umfaki-sicelo uthathwa njengongenampendulo.

(3) ukuba iNtloko yeSebe ifuna iinkcukacha ezongezelelekileyo kumfaki-sicelo ngenxa yezimvo ezifunyenweyo, iinkcukacha mazinikezwe ngesithunba ekuvunyelwene ngaso phakathi komfaki-sicelo neNtloko yeSebe.

.

Ukuthunyelwa kwesicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume kwiNtloko yeSebe leZolimo

30. (1) INtloko yeSebe kufuneka, kwimeko yesicelo esichaphazela ulimo ngokomgaqo 28 nangenjongo yemigaqo 28(5) no-31(2), ithumele ezi zinto zilandelayo kwiNtloko yeSebe lezoLimo emva kokuzifumana:

(a) isicelo esamkelweyo;

(b) naziphi iinkcukacha ezongezelelekileyo namaxwebhu;

(c) naziphi izimvo ngesicelo; kunye

(d) nempendulo yomfaki-sicelo kwizimvo zoluntu ngesicelo.

(2) INtloko yeSebe ingafuna ukuba umfaki-sicelo athumele iikopi zeenkcukacha namaxwebhu ekubhekiswe kuwo kumgaqwana (1)*(a)* ukuya ku-*(d)* kwiNtloko yeSebe lezoLimo.

Isigqibo ngesicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume

31. (1) INtloko yeSebe ingathi kwisicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume ngokomgaqo 28—

(a) yamkele isicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume isithuba esingekho ngaphezu kweminyaka eli-10 ze ibeke imiqathango emitsha okanye etshintshiweyo yemvume ukuba oko kuyimfuneko;

(b) inike imvume kwisicelo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume kube kanye kuphela;

(c) iyalele umsebenzi ochongiweyo enze naluphi uhlolo oludingekayo ukuvavanya isicelo ngokwemiqathango yecandelo 68(1)*(b)* loMthetho nomgaqo 36.

(2) INtloko yeSebe kufuneka emva kokubonisana neNtloko yeSebe lezoLimo igqibe ngesicelo esichaphazela ulimo.

Isaziso sesigqibo sokongezelwa ithuba lokusebenza kwemvume

32. INtloko yeSebe kufuneka yazise umfaki-sicelo ngesigqibo ngokomgaqo 31 nangelungelo lomfaki-sicelo lokucela izizathu zesigqibo.

Izimvo zeziko likarhulumente

33. (1) Iziko likarhulumente elixelwe kumgaqo 14(1)*(b)*, 23(12) okanye 28(8) kufuneka lingenise uluvo olubhaliweyo ngesicelo okanye kwisibheno kugunyaziwe ofanelekileyo kwiintsuku ezingama-60 zomhla wokwaziswa ngeso sicelo.

(2) Ukuba iziko likarhulumente alivakalisi luvo lwalo kwisithuba ekubhekiswe kuso kumgaqwana (1), ugunyaziwe ofanelekileyo kufuneka azise igosa leenkcaza lelo ziko likarhulumente okanye ugunyaziwe onika inkcaza oxelwe kwiPublic Finance Management Act, 1999 (UMthetho 1 ka-1999), ngolo silelo.

Izizathu zokwala ukwamkela isicelo okanye isibheno

34. (1) Intloko yeSebe kufuneka yale ukwamkela isicelo ngokomgaqo 13(1)*(c)*(ii) okanye 28(4)*(c)*(ii) ukuba—

(a) akungeniswa ubungqina bentlawulo yemirhumo yesicelo exelwe kwiSihlomelo D;

(b) isicelo asithobeli iimfuno zomgaqo 12 okanye 28, ngokwemeko leyo.

(2) UMphathiswa wePhondo kufuneka ale ukwamkela isibheno ngokomgaqo 23(6)*(c)*(ii) ukuba—

(a) akungeniswa ubungqina bentlawulo yemirhumo yezibheno exelwe kwiSihlomelo D;

(b) isibheno asithobeli umgaqo 23.

Urhoxiso lwesicelo, isibheno okanye ugunyaziso lwe-arhente

35. (1) Umfaki-sicelo angathi nanini na, phambi kokuba iNtloko yeSebe ithathe isigqibo ngesicelo esingeniswe ngumfaki-sicelo, arhoxise isicelo ngesaziso esibhalelwe iNtloko yeSebe.

(2) Umfaki-sibheno angathi nanini na, phambi kokuba uMphathiswa wePhondo athathe isigqibo ngesibheno esingeniswe ngumfaki-sibheno, arhoxise isibheno ngesaziso esibhalelwe uMphathiswa wePhondo.

(3) Umnini kufuneka azise iNtloko yeSebe ngokuyibhalela, okanye apho isicelo sele sikuMphathiswa wePhondo sisiwe njengesibheno, uMphathiswa wePhondo, ukuba ulirhoxisile igunya okanye igunya ebelinike i-arhente ukuba immele.

(4) INtloko yeSebe ingagqiba ukuba umfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno, ngokwemeko leyo, orhoxisa isicelo okanye isibheno uyaphulukana neemali abezihlawulele isicelo okanye isibheno okanye uphulukana nenxalenye yaloo mali, ukuba iSebe besele lichithe iindleko xa belilungiselela isicelo okanye isibheno.

Amagunya okumane uyokwenza uhlolo

36. Ngokwecandelo 68(1)*(b)* loMthetho, umsebenzi ochongiweyo angangena kumhlaba okanye kwisakhiwo ngeenjongo zokuhlola, elandela iimfuno zecandelo 68 loMthetho, isicelo ngokomgaqo 12 okanye 28 okanye isibheno ngokomgaqo 23.

Uhlobo nomhla wesaziso nokunikezwa kwesinye isithuba

37. (1) Nakuphi ukuhanjiswa kwesaziso okanye ukwamkela kwaso okwenziwe kulandelwa le migaqo kufuneka kwenziwe ngembalelwano, ngaphandle kweendlela ezongezelelekileyo zolwaziso ezixelwe kumgaqo 16(1)*(b)* no-(*c*), yaye kungathunyelwa kumntu ngokuthi isaziso—

(a) sisiwe ngesandla kuloo mntu;

(b) sithunyelwe ngeposi erejistarishiweyo —

(i) kwishishini laloo mntu okanye idilesi yasekhaya; okanye

(ii) kwimeko yenkampani, sithunyelwe kwidilesi ebhalisiweyo okanye kwindawo yoshishino;

(c) ngomyalezo wedatha oxelwe kwiElectronic Communications and Transactions Act, 2002 (uMthetho 25 ka-2002), ngokuthumela ikopi yesaziso kumntu ukuba unedilesi ye-imeyili okanye enye idilesi e-elektroniki;

(d) xa idilesi ingaziwa noxa kwenziwe uphando, kufuneka isaziso sipapashwe kube kanye kwiGazethi yePhondo sipapashwe kanye nakwiphephandaba lengingqi elijikeleza kummandla wedilesi yokugqibela eyaziwayo yaloo mntu okanye yelo shishini; okanye

(e) ngokuxhoma isaziso esixelwe kumgaqo 15 somlinganiselo oyi-60 yeesentimitha nge-42 yeesentimitha kumphambili womhlaba ekubhekiswa kuwo okanye nakweyiphi enye indawo ecacileyo nekulula ukungena nokuphuma kuyo kuloo yunithi yomhlaba ngexesha uluntu eluvumeleke ukuba lufake izimvo zalo ngesicelo.

(2) isaziso esikhutshwe ngokomgaqwana (1)*(b)* ukuya ku-*(e)* kufuneka sithathwe njengesaziso esinikwe umntu, nalapho kusetyenziswe iindlela eziliqela zokwazisa, somhla wolwaziso wokuqala ngaphandle kokuba kuvela obunye ubungqina.

(3) Umhla wesaziso esinikezwe ngokwale migaqo —

(a) umhla esahanjiswa ngawo sanikwa loo mntu esandleni, ngumhla wohanjiso kuloo mntu;

(b) umhla esaposwa ngawo ngerejista ngumhla wobhaliso lwesaziso;

(c) umhla esi-imeyilwe ngawo okanye sithunyelwe kwidilesi e-elektroniki, ngomhla esifunyenwe ngawo nguloo mntu njengoko kuxelwe kwiElectronic Communications and Transactions Act, 2002;

(d) umhla esashiywa ngawo kwindawo ahlala kuyo loo mntu eyempangelo okanye ishishini elikwiRiphabliki kumntu oneminyaka engaphezulu kweshumi elinesithandathu, ngumhla eshiywe kuwo kuloo mntu; okanye

(e) umhla esaxhonywa kuwo kwindawo ecacileyo kwisiza okanye kwisakhiwo somntu okanye seshishini, ngumhla esixhonywe ngawo.

(4) INtloko yeSebe okanye uMphathiswa wePhondo, ngokwemeko leyo, angathi, ngembalelwano, ngaphezu kwesithuba seentsuku ezingama-21 esixelwe kumgaqo 13(3), 18(1), 24(1), 28(6) okanye 29(1) anikeze esinye isithuba ze avumelane nomfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno ngobude besithuba kwezi meko zilandelayo:

(a) phambi kokuphela kweentsuku ezingama-21; kananjalo

(b) nalapho iimeko ezizodwa ezimalunga nobunjani kunye nobunzima besicelo zinokuthi ziboniswe.

Iimpazamo nezinto ezicinyiweyo

38. (1) INtloko yeSebe okanye uMphathiswa wePhondo, ngokwemeko leyo, angathi nanini alungise impazamo kumagama esigqibo saso ukuba olo lungiso alutshintshi isigqibo sakhe okanye aludali utshintsho, ukumiswa okanye ukucinywa komqathango wemvume.

(2) INtloko yeSebe okanye uMphathiswa wePhondo, ngokwemeko leyo, angathi, ngokunokwakhe okanye ngokwesicelo somfaki-sicelo okanye iqela elichaphazelekayo, xa kunikwe isizathu esivakalayo, ayixolele impazamo ekwinkqubo ukuba ngaba olo xolelo alunafuthe elibi okanye alucaluli naliphi na iqela.

Imiqathango yethutyana yezicelo zokususa, zokumisa okanye zokwenza izilungiso kwimiqathango enyinayo

39. (1) Icandelo 6(2), (3) no-(4) leRemoval of Restrictions Act, 1967 (UMthetho 84 ka-1967), alisebenzi kwisicelo esixelwe kwicandelo 78(2) leWestern Cape Land Use Planning Act, 2014, esingeniswe ngokwecandelo 3(2) of the Removal of Restrictions Act, 1967.

(2) Umfaki-sicelo okanye umnini wetayitile yomhlaba ofakelwe isicelo esixelwe kumgaqwana (1) kufuneka afake isicelo kwiRejistra yeeTayitile zoBunini-Mhlaba nakuNocanda-Gabalala ukuba babhale ezi zicelo kwiindawo ezifanele ukuba zibhalwe kuzo kwiirejista, kwiincwadi zobunini-mhlaba, kwimizobo okanye kwiplani ngeenjongo zalo mgaqwana.

Umhla wokuqala ukusebenza

40. Ukuba iNkulumbuso ibeke imihla eyahlukileyo yokuqala kokusebenza kwalo Mthetho okanye imiqathango eyahlukileyo yalo Mthetho kwimimandla eyahlukileyo yoomasipala phantsi kwecandelo 79(2) loMthetho, inkcazelo ekwimiqathango yaloo migaqo yomhla wokuqala ukusebenza koMthetho kufuneka ithathwe njengomhla obekwe yiNkulumbuso wokuqala ukusebenza kwemiqathango leyo yoMthetho kumasipala ochaphazelekayo.

Isihloko esifutshane

41. Le migaqo ibizwa ngokuba yiMigaqo yoCwangciso loSetyenziso-Mhlaba yeNtshona Koloni, 2015.

ISIHLOMELO A

ISICELO SENDIBANO YOKUBONISANA PHAMBI KOKUFAKA ISICELO
(Icandelo 53 loMthetho nomgaqo 11)

ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOCWANGCISO LOPHUHLISO

Idilesi yeSebe *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*	
Inombolo yesalathiso *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*	
Zalisa le fomu ngokusebenzisa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo	
Qaphela: *Indibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo yiseshoni nje yeengcebiso yaye ayizi nasigqibo sesiphumo sesicelo esinokungeniswa kwiSebe kwixa elizayo.*	

ISIQENDU A: IINKCUKACHA

Isiphakamiso esifutshane: _____

_____

Iinkcukacha zomnini okanye ze-arhente	* **Qhoboshela ikopi yeempepha zobunini-mhlaba** * **u k u b a uyi-arhente, qhoboshela igunya lokumela umnini**				
Amagama akho					
Ifani					
Igama lenkampani *(Ukuba likhona)*					
Idilesi yeposi				Ikhow udi	
I-imeyili					
iFowuni		iFeksi		iSelula	

Inkcazelo ngesiza/ngeziza:_____

_____

Imihla ekunokuhlanganwa ngayo: 1._____ 2. _____ 3._____

Dwelisa abantu abaza kukhapha umfaki-sicelo ukuya entlanganisweni:

Igama nefani	Umbutho	Inombolo yoqhagamshelwano	I-imeyili	Indima

Dwelisa amaxwebhu anokunikezwa entlanganisweni:
(Bandakanya isalathiso soxwebhu, imihla yoxwebhu/yeplani neenombolo zeplani xa zikhona.)

Ingaba kuye kwabakho indibano yokubonisana nomasipala phambi kokufaka isicelo?
(Ukuba kunjalo, sinike ikopi yemizuzu.)

EWE	HAYI

ISIQENDU B: ISIPHAKAMISO SOPHUHLISO: IZINTLU NGOKOMGAQO 10(1) EZIDINGA IMVUME NGOKOMGAQO 10(4) okanye (5)

Nika isishwankathelo esineenkcukacha sesiphakamiso:

Chaza uluhlu lophuhliso lomhlaba ngokomgaqo 10(1) ofuna ukulufakela isicelo:			
Uluhlu lomgaqo 10(1)*(a)*			
Ingaba uphuhliso lomhlaba oluphakanyisiweyo lwamkelwe ngokoMmiselo ophambi kokuqala ukusebenza kwalo Mthetho yaye ingaba imvume yalo isasebenza?	Ewe	Hayi	Ukuba uthe ewe, uphuhliso lomhlaba alungeni apha kolu luhlu.
Ingaba uphuhliso lomhlaba oluphakanyisiweyo lungena kuluhlu lophuhliso lomhlaba olwalupapashwe kwiGazethi yePhondo njengoluhlu lophuhliso lomhlaba oludinga imvume?	Ewe	Hayi	Ukuba uthe ewe, chaza inombolo ye*Gazethi yePhondo* kunye nomhla. ---------- Ukuba uthe hayi, uphuhliso lomhlaba alungeni apha kolu luhlu.
Uluhlu lomgaqo 10(1)*(b)*			
Ingaba uphuhliso lomhlaba oluphakanyisiweyo lukumhlaba wolimo?	Ewe	Hayi	Ukuba uthe hayi, uphuhliso lomhlaba alungeni apha kolu luhlu.
Ingaba umhlaba wolimo ulinyiwe okanye ukhe wankcenkceshelwa kwiminyaka eli-10– ephambi kophuhliso lomhlaba	Ewe	Hayi	Ukuba uthe hayi, uphuhliso lomhlaba alungeni apha kolu luhlu.

Ingaba ucinga ukuba usetyenziso lomhlaba oluphakanyiswayo luza kuba nefuthe elikhulu kule miba ilandelayo ngenxa yohlobo okanye ubukhulu balo ngenxa yokukhula kophuhliso:	**Ewe**	**Hayi**	**Iseza kugqitywa**
1. Uphuhliso olunocwangco lommandla okanye lwePhondo?			
2. Uphuhliso olulungelelanisiweyo lommandla okanye lwePhondo?			
3. Uphuhliso olufanayo lommandla okanye lwePhondo?			
4. Intlalontle yabahlali bommandla okanye bePhondo?			
5. Ulimo?			

ISIQENDU C: IMEKO-BUME YOMGAQONKQUBO WOCWANGCISO

Zalisa uludwe lwemigaqonkqubo, izicwangciso okanye ezinye izikhokelo ocinga ukuba ziyangena apha.

Imithetho-siseko yocwangciso losetyenziso-mhlaba ngokwalo Mthetho kunye neziseko zophuhliso ngokomthetho iSpatial Planning and Land Use Management Act, 2013 (UMthetho 16 ka- 2013)
Isikhokelo soPhuhliso lweMihlaba seSizwe
Isikhokelo sophuhliso lweMihlaba sePhondo
Isikhokelo soPhuhliso lweMihlaba soMmandla seSizwe (chaza)_____
Isikhokelo soPhuhliso lweMihlaba soMmandla sePhondo (chaza)_____
Isikhokelo soPhuhliso lweMihlaba sikaMasipala (chaza)_____

Isicwangciso soPhuhliso esiHlanganisiweyo sikaMasipala (chaza)

ISIQENDU D: DWELISA AMANYE AMAZIKO KARHULUMENTE OKANYE ABANTU ABACHAPHAZELEKAYO KUPHUHLISO LOMHLABA OLUPHAKANYISIWEYO ABAFANELE UKUZA KWINDIBANO YOKUBONISANA			
Fumana imvume/uluvo kwi:	**Tikisha ukuba uzimaso lommeli luyadingeka**	**Tikisha ukuba kufuneka kuthethwane okanye kufunyanwe uluvo**	**Nika izizathu**
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni leZolimo			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni loKhuseleko loLuntu			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni loPhuhliso loQoqosho noKhenketho			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni lezeMpilo			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni lokuHlaliswa koLuntu			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni loRhulumente weNgingqi			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni wezoThutho neMisebenzi kaRhulumente			
ISebe loRhulumente weNtshona Koloni loPhuhliso lweNtlalo			
ISebe lezeMfundo leNtshona Koloni			
ISebe leSizwe leZolimo, aMahlathi nokuLoba			

ISIQENDU D: AMANYE AMAZIKO KARHULUMENTE OKANYE ABANTU ABACHAPHAZELEKAYO KUPHUHLISO LOMHLABA OLUPHAKANYISIWEYO ABAFANELE UKUZA KWINDIBANO YOKUBONISANA PHAMBI KOKUFAKA ISICELO			
Fumana imvume/uluvo kwi:	**Tikisha ukuba uzimaso lommeli luyadingeka**	**Tikisha ukuba kufuneka kuthethwane okanye kufunyanwe**	**Nika izizathu**
ISebe leSizwe le-Eneji			
ISebe leSizwe leMicimbi yokuSingqongileyo			
ISebe leSizwe looVimba beZimbiwa			
ISebe leSizwe loPhuhliso lwaMaphandle neNguqu kwiMihlaba			
ISebe leSizwe laManzi noCoceko			
CapeNature			
Eskom			
Heritage Western Cape			
UMasipala/ooMasipala			
South African Heritage Resources Agency (SAHRA)			
South African National Parks (SANParks)			
South African National Roads Agency Ltd (SANRAL)			
Telkom SA Ltd			
Transnet/Passenger Rail Agency of South Africa (PRASA)			
Elinye iziko			

Umfaki-sicelo:_____Sayina: _____
(Igama nefani)

Umhla:_____

IZALISWA YI-OFISI KUPHELA

Umhla efike ngawo: _____

Ifikele ku: _____

Departmental Stamp

ISIHLOMELO B

IFOMU YESICELO SOPHUHLISO LOMHLABA
(Icandelo 53 loMthetho nemigaqo 10 no-12)
IFOMU YESICELO OKONGEZWA KWESITHUBA SOKUSEBENZA KWEMVUME
(Icandelo 57 loMthetho nomgaqo 28)

ISEBE LEMICIMBI YEZOKUSINGQONGILEYO NOPHUHLISO LOCWANGCISO

Idilesi yeSebe *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*	
Inombolo yesalathiso *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*	

Zalisa le fomu ngokusebenzisaa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo

ISIQENDU A: IZICELO NGOKWALOMTHETHO

Uphuhliso lomhlaba *(Icandelo 53(2) loMthetho nemigaqo 10(4) no-12)*	EWE	HAYI	Ukuba uthe ewe, zalisa zonke iziqendu zale fomu yesicelo ngaphandle kwesiqendu H.
Ukulungiswa kwemvume yophuhliso lomhlaba *(Icandelo 53(2) loMthetho nemigaqo 10(5) no-12)*	EWE	HAYI	Ukuba uthe ewe, zalisa zonke iziqendu zale fomu yesicelo ngaphandle kwesiqendu H.
Ukongezwa kwesithuba sokusebenza *(Icandelo 57(2) loMthetho nomgaqo 28)*	EWE	HAYI	Ukuba uthe ewe, zalisa zonke iziqendu zale fomu yesicelo ngaphandle kwesiqendu G.

ISIQENDU B: IINKCUKACHA ZOMFAKI-SICELO

Amagama akho					
Ifani					
Igama lenkampani *(Ukuba likhona)*					
Idilesi yeposi				Ikhowudi yeposi	
I-imeyili					
iFowuni		iFeksi		iSelula	

ISIQENDU C: IINKCUKACHA ZOMNINI/ZABANINI *(ukuba wahlukile kumfaki-sicelo)*					
Igama nefani					
Idilesi yendawo				Ikhowudi yeposi	
I-imeyili					
iFowuni		iFeksi		iSelula	

ISIQENDU D: IINKCUKACHA ZESIZA *(Ngokweempepha zobunini-mhlaba)*						
Inkcazelo yesiza*(Iinombolo zeZiza/Iinxalenye zazo okanye ezeeFama)*						
Idilesi yendawo				Idolophu/ ISixeko		
Isimo somhlaba esikhoyo		Ubukhulu	m^2 / ha	Ingaba kukho izakhiwo ezikhoyo?	E	H
Usetyenziso lomhlaba ngoku						
Inombolo yobunini-mhlaba nomhla	T					
Ingaba ikho imiqathango enyinayo?	E	H	Ukuba uthe ewe, chaza imiqathango			
Ingaba isiza sesebhondi?	E	H	Ukuba uthe ewe, dwelisa abanini-bhondi			

ISIQENDU E: INDIBANO YOKUBONISANA PHAMBI KOKUFAKA ISICELO *(umgaqo 11)*					
Ingaba bekukho indibano yokubonisana phambi kokufaka isicelo?	E	H	Ukuba uthe ewe, zalisa iinkcukacha ezingezantsi uqhoboshele imizuzu yendibano yokubonisana yaphambi kokufaka isicelo.		
Igama legosa		Inombolo yeSalathiso		Umhla wendibano	

ISIQENDU F: UMRHUMO WESICELO* (Isihlomelo D)		
Isicelo sophuhliso lomhlaba		R5000
Ukulungiswa kwemvume yophuhliso lomhlaba		R2000
Ukongezwa kwesithuba sokusebenza		R2000
Imali yesicelo iyonke		

ISAPHULELO KWIMIRHUMO YESICELO** (Isihlomelo D)					
Uphuhliso luhlawulelwa ngenkxaso-mali karhulumente.	E	H	Umfaki-sicelo liziko likarhulumente.	E	H

** Imali yesicelo ayibandakanyi iindleko zokupapashwa kwesaziso kwiGazethi yePhondo nakumajelo eendaba okanye yokuhambisa esixelwe kumgaqo 14, 16 okanye 28 ngoba umfaki-sicelo nguye onoxanduva lokuhlawula ezi ndleko zezi zaziso.*

***Ukuba waphulelwe ukuba ungahlawuli imirhumo yesicelo, qhoboshela ubungqina.*

IINKCUKACHA ZEBHANKI *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*

Igama: ISebe leMicimbi yezokusiNgqongileyo noPhuhliso loCwangciso

Ibhanki:

Inomb. YeSebe:

Inomb. Ye-Akhawunti:

*****Isalathiso seNtlawulo**:

(Inombolo yesalathiso somrhumo KUFUNEKA isetyenziswe njengesalathiso sediphozithi xa uhlawula.)

******* *Fumana inombolo yesalathiso somrhumo kwiSebe.*

IINKCUKACHA ZEBHANKI ZOMFAKI-SICELO *(umgaqo 35)*

Umfaki-sicelo kufuneka azalise iinkcukacha zakhe zebhanki apha ngezantsi ukulungiselela imbuyekezo yemali yesicelo ukuba isicelo sirhoxisiwe yaye imali yesicelo ayitshonanga.

Igama:
Ibhanki:
Inomb. yeSebe
Inomb. Ye-Akhawunti

ISIQENDU G: AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NEENKCUKACHA EZIXHASAYO ZESICELO SOPHUHLISO LOMHLABA OKANYE ZEZILUNGISO KWIMVUME YOPHUHLISO LOMHLABA *(umgaqo 12(2)(a) ukuya ku-(p))*								
Zalisa olu ludwe lohlolo ze uncamathisele zonke iinkcukacha namaxwebhu ahambelana nesi siphakamiso. Ukungangenisi zonke iinkcukacha kunye namaxwebhu kuya kukhokelela ekubeni isicelo singamkelwa.								
E	H	AYI KHO	Imvume yomnini-bhondi (ukuba ikhona)		E	H	AYI KHO	Iplani ebonisa uphuhliso lomhlaba kummandla okanye kwiphondo ebufana nophuhliso lomhlaba olufakelwe isicelo eya kuba nefuthe kummandla okanye kwiPhondo
E	H	AYI KHO	Imvume yomnini ukuba umfaki-sicelo asingomnini		E	H	AYI KHO	Iplani ebonakalisa usetyenziso lomhlaba ngoku, izakhiwo nemisebenzi
E	H	A	isindululo okanye obunye ubungqina bokuba umfaki-sicelo unegunya lokumela inkampani		E	H	A	Iplani yobume bokucetywayo
E	H	A	Ubungqina bokuhlawula imirhumo		E	H	A	Uludwe lwezinye iimvume ezifunekayo zophuhliso lomhlaba oluphakanyisiweyo ezifakelwe isicelo
E	H	A	Iplani yendawo					
E	H	A	Ikopi epheleleyo yobunini-mhlaba		E	H	A	Isizathu sesicelo
E	H	A	Ubungqina besimo somhlaba esikhoyo		E	H	A	Uvavanyo lwesiphumo kwezolimo neenkcukacha ezihamba nezo okanye amaxwebhu
E	H	A	Iplani ebonisa usetyenziso lomhlaba olungqongileyo oluza kuchaphazeleka		E	H	A	Amaxwebhu okanye iinkcukacha ezongezelelekileyo ezidweliswe kwindibano yokubonisana
E	H	A	Iplani ebonisa izimo zomhlaba ezingqongileyo eziza kuchaphazeleka		E	H	A	Ezinye iinkcukacha (chaza)
E	H	A	Ikopi yesaziso yesigqibo sokuqala					
ISIQENDU H: AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NEENKCUKACHA ZESICELO SESONGEZELELO								
E	H	A	Ikopi yesaziso yesigqibo sokuqala		E	H	A	Ingxelo yezizathu zolongezelelo
E	H	A	Ubungqina bokuhlawulwa kwemirhumo		E	H	A	Okunye

ISIQENDU I: UGUNYAZISO LWEMINYE IMITHETHO							
Y	H	A	National Heritage Resources Act, 1999 (UMthetho 25 ka-1999)	Y	H	A	UMthetho kaMasipala woCwangciso loSetyenziso-Mhlaba kaMasipala
E	H	A	National Environmental Management Act, 1998 (UMthetho 107 ka-1998)	e	H	A	Imithetho eNgqalileyo yoLawulo lokusiNgqongileyo, umzekelo iEnvironmental Conservation Act, 1989 (UMthetho 73 ka-1989), National Environmental Management: Air Quality Act, 2004 (UMthetho 39 ka-2004), National Environmental Integrated Coastal Management Act, 2008 (UMthetho 24 ka-2008), National Environmental Management: Waste Act, 2008 (UMthetho 59 ka-2008), neNational Water Act, 1998 (UMthetho 36 ka-1998)
E	H	A	Subdivision of Agricultural Land Act, 1970 (UMthetho 70 ka-1970)				
E	H	A	Spatial Planning and Land Use Management Act, 2013 (UMthetho 16 ka-2013)	E	HN	A	Omnye

ISIQENDU J: ISIFUNGO

Ndiyaqinisekisa ukuba—

1. Iinkcukacha eziqulethwe kule fomu namaxwebhu aqhotyoshelweyo ziphelele yaye zinyanisekile;

2. Ndiyazi ukuba kulityala ngokwecandelo 74(1)(b) loMthetho ukunikeza iinkcukacha okanye iimpendulo ndisazi ukuba ezo nkcukacha okanye ezo mpendulo aziyonyani, azichanekanga okanye ziyalahlekisa okanye endikholelwa ukuba azichanekanga;

3. Ndigunyazisiwe ukuba ndenze esi sicelo egameni loMnini no-(apho kuyimfuneko), ikopi yegunya lokwenza oku ndiyiqhoboshele apha; yaye

4. Apho kuqeshwe i-arhente ukuba ingenise isicelo egameni lomnini, imbalelwano nezaziso ezisuka kwiNtloko yeSebe ngokwalo Mthetho nangokwalemigaqo iya kuthunyelwa kwiarhente yaye umnini uya kumana edibana nearhente ngalo mba.

Utyikityo lomfaki-sicelo _____ Umhla _____

Igama nefani	
Isikhundla segosa	

IZALISWA YI-OFISI
KUPHELA

Umhla efike ngawo:

_____

Ifikele ku:

_____

Departmental Stamp

ISIHLOMELO C

IFOMU YESIBHENO
(Icandelo 56 loMthetho nomgaqo 23)

ISEBE LEMICIMBI YEZOKUSINGQONGILEYO NOPHUHLISO LOCWANGCISO

Idilesi yeSebe *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*	
Inombolo yesalathiso *(Mayizaliswe ngumsebenzi wesebe)*	
Zalisa le fomu ngokusebenzisaa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo.	
Qaphela: *Isibheno kuMphathiswa wePhondo kufuneka singeniswe kwiintsuku ezingama-21 zomhla wokwaziswa ngesigqibo.*	

ISIQENDU A: ISIBHENO

Ingaba ubhena kwisigqibo seNtloko yeSebe?	E	H	
Ingaba ubhena kumqathango wemvume obekwe yiNtloko yeSebe?	E	H	Ukuba uthe ewe, chaza imiqathango kwiSiqendu F
Ingaba ubhena kuba amalungelo akho echatshazelwe lusilelo lweNtloko yeSebe ekubeni yenze isigqibo ngesicelo sakho kwixesha elibekiweyo?	E	H	

Umhla wesigqibo	DD/MM/YYYY	Umhla wokwaziswa	DD/MM/YYYY

ISIQENDU B : IINKCUKACHA ZOMFAKI-SIBHENO

Amagama akho			
Ifani			
Igama lenkampani okanye lomntu womthetho *(Ukuba likhona)*			
Idilesi yendawo			
Idilesi yeposi *(Ukuba yahlukile kwidilesi yendawo)*		Ikhowudi yeposi	
I-imeyili			
iFowuni		iFeksi		iSelula	

ISIQENDU C: INKCAZELO YESIZA YOMFAKI-SIBHENO *(Isiza esichatshazelwe luphuhliso olucetywayo)*								
Iinombolo zeZiza/Iinxalenye zazo okanye							Idolophu/ ISixeko	
Idilesi yendawo								
ISIQENDU D: INKCAZELO YESIZA OLUZAKWENZEKA KUYO UPHUHLISO								
Iinombolo zeZiza/Iinxalenye zazo okanye ezeeFama)							Idolophu/ ISixeko	
Idilesi yendawo								
ISIQENDU E: ISIBHENO ESIVELA KUMNTU/KUBANTU ABACHAPHAZELEKAYO								
Waziswe njani ngesigqibo ofake isibheno kuso?	Iphepha-ndaba	E	H	*IGazethi yePhondo*	E	H	Enye (chaza)	
Chaza* ukuba isigqibo okanye imiqathango yemvume okanye zombini ziwachaphazela njani amalungelo akho: ** Iinkcazelo zingaqhotyoshelwa.*								
ISIQENDU F: IZIZATHU ZOKUFAKA ISIBHENO*								
  ** Izizathu zokufaka isibheno zingaqhotyoshelwa.*								

ISIQENDU G: INTLAWULO YESIBHENO* (Isihlomelo D)	
Isibheno	R0
Imali yesibheno iyonke	R0

ULWAPHULELO KWINTLAWULO YOKUBHENA** (Isihlomelo D)					
Uphuhliso olu yiprojekthi yasekuhlaleni ehlawulelwa ngurhulumente.	E	H	Umfaki-sicelo liziko likarhulumente.	E	H

** Imali yesibheno ayibandakanyi iindleko zokuhambisa isaziso ngokomgaqo 23 ngoba umfaki-sicelo nguye onoxanduva lokuhlawula ezi ndleko zezi zaziso.*
*** Ukuba waphulelwe ukuba ungahlawuli imirhumo yesibheno, qhoboshela ubungqina.*

IINKCUKACHA ZEBHANKI *(Mazizaliswe ngumsebenzi wesebe)*

Igama: ISebe leMicimbi yezokusiNgqongileyo noPhuhliso loCwangciso

Ibhanki:

Inomb. yeSebe :

Inomb. Ye-

Akhawunti:
***** Isalathiso seNtlawulo**:
(Inombolo yesalathiso somrhumo KUFUNEKA isetyenziswe njengesalathiso sediphozithi xa uhlawula.)
**** Fumana inombolo yesalathiso somrhumo kwiSebe.*

IINKCUKACHA ZEBHANKI ZOMFAKI-SIBHENO *(umgaqo 35)*

Umfaki-sibheno kufuneka azalise iinkcukacha zakhe zebhanki apha ngezantsi ukulungiselela imbuyekezo yemali yesibheno ukuba isibheno sirhoxisiwe yaye imali yesibheno ayitshonanga.
Igama:
Ibhanki:
Inomb.
YeSebe:
Inomb. Ye-Akhawunti:

ISIQENDU H: AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NEENKCUKACHA EZIXHASAYO

Zalisa olu ludwe lohlolo lulandelayo ze uqhoboshele ezinye iinkcukacha apho kuyimfuneko.

E	A	Ubungqina bokwaziswa ngesigqibo
E	A	Ikopi yesigqibo nemiqathango yemvume
E	A	Ubungqina bentlawulo yemirhumo
E	A	Iinkcazelo
E	A	Izizathu zokufaka isibheno
E	A	Okunye (chaza)

ISIQENDU I: ISIFUNGO

Ndiyaqinisekisa ukuba—

1. iinkcukacha eziqulethwe kule fomu namaxwebhu aqhotyoshelweyo ziphelele yaye zinyanisekile; yaye

2. ndiyazi ukuba kulityala ngokwecandelo 74(1)(b) loMthetho ukunikeza iinkcukacha okanye iimpendulo ndisazi ukuba ezo nkcukacha okanye ezo mpendulo aziyonyani, azichanekanga okanye ziyalahlekisa okanye endikholelwa ukuba azichanekanga.

Utyikityo lomfaki-sibheno _____ Umhla

Igama nefani

IZALISWA YI-OFISI KUPHELA

Umhla efike ngawo: _____

Ifikele ku: _____

Departmental Stamp

ISIHLOMELO D

IMIRHUMO
(Amacandelo 54(8) no-56(8) oMthetho)

1. Umfaki-sicelo nomfaki-sibheno kufuneka bahlawule imirhumo ngokusetyenzwa kwesicelo okanye isibheno njengoko kubonisiwe kule theyibhile ingezantsi ngaphandle kokuba baphulelwe ukuba bangayihlawuli imirhumo phantsi komba 2 wesi Sihlomelo.

Uhlobo lwesicelo/lwesibheno	**Imirhumo**
Isicelo sophuhliso lomhlaba	R5000
Isicelo sokwenza izilungiso kwimvume yophuhliso lomhlaba	R2000
Isibheno	R0
Ukongezwa kwesithuba sokusebenza	R2000

2. Umfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno akasayi kuhlawula imirhumo echazwe kumba1 ukuba—
   (a) uphuhliso lomhlaba luhlawulelwa ngemali karhulumente; okanye
   (b) umfaki-sicelo liziko likarhulumente.

3. Ukuba umfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno waphulelwe ukuba angahlawuli zimali phantsi komba 2, umfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno kufuneka azise ugunyaziwe ofanelekileyo ngembalelwano yaye kufuneka aqhoboshele ubungqina benkxaso mali karhulumente kwiifomu ezikwiSihlomelo B okanye C, ngokwemeko leyo.

4. Umfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno kufuneka afumane inombolo yesalathiso yomrhumo lowo kugunyaziwe ofanelekileyo ukulungiselela intlawulo yemirhumo, ekufuneka eyifake kwiifomu ezikwiSihlomelo B okanye C, ngokwemeko leyo.

5. Imali yesicelo okanye yesibheno ayibandakanyi iindleko zokupapashwa kwesaziso *kwiGazethi yePhondo* nakumajelo eendaba okanye yokuhambisa isaziso esixelwe kumgaqo 14, 16, 23 okanye 28 ngoba umfaki-sicelo okanye umfaki-sibheno nguye onoxanduva lokuhlawula iindleko zezi zaziso.